# UNIVERSITY OF FORT HARE

## XHS212 & XHS212E

DEGREE EXAMINATIONS
June 2017

.................................................................

Time: 3 Hours

Subject; IsiXhosa

Paper: IsiXhosa Literature

Marks: 100

This paper consists of 3 pages including the cover.

Internal Examiners
Prof. CR Botha
Dr NZ Gxekwa
Dr SS Mdaka

Instructions
Phendula imibuzo ibe mine (4).
Phendula imibuzo ibe mibini (2) kwicandelo ngalinye.

XHS212 & XHS212E– IsiXhosa Literature
Degree Examinations -June 2017

ICANDELO A

**Umbuzo 1.1**

Qaqambisa amabakala esiyileli elichankcatha kuwo ibali landulo kwaXhosa ngokusimelela ngebali lomthonyama libe linye elithe nco kuwe.

*[25]*

OKANYE

## Umbuzo 1.2

a) Ingaba uncwadi lwemveli lusaphila kule mihla yangoku? Ukuba uthi ewe chaza ukuba lutshintshe njani na. (5)
b) Amaqhina ayilola njani ingqondo yomntu? Khawuzekelise ngemeko yaseklasini kubafundi abaselula. (10)

c) Khawuthi gqabagqaba malunga nokubaluleka kweengoma zesiNtu. Uthathe iindidi eziNTLANU uchaze imisebenzi yazo. (10)

*[25]*

**Umbuzo 2.1**

Ababhali abaninzi besiXhosa bayakholisa ukudimbaza kumabali andulo ukunonga iincwadi zabo. Ngqiyama uqamele ngale ncwadi ka-A C Jordan ithi ***Ingqumbo Yeminyanya*** ubenge uxhome exhantini ubuchwepheshe balo makhwekhwethe ekuyileni isakhiwo sale ncwadi ngokucangcatha kumabakala esiyileli sebali landulo.

*[25]*

OKANYE

**Umbuzo 2.2**

Gxoga macala onke kule ncwadi ka – AC Jordan ethi **Ingqumbo Yeminyanya** uvumbulule iindlela abumba ngazo iqhawe lakhe uZwelinzima ngokungqiyama ngemigqaliselo ekwakusinyelelwa ngayo xa kubunjwa iqhawe kumabali andulo.

*[25]*

OKANYE

**Umbuzo 2.3**

a) KwaXhosa iintsomi zibaluleke kakhulu; naba ngalo mba ngokuthi ucaphule apha naphaya kwezinye zeentsomi ozaziyo ze uchaphazele ezi ngongoma zilandelayo:

1. Imfundiso
2. Inkcubeko
3. Imbeko **(15)**

b) Yakha izaci ngala magama alandelayo:

1 Intlaka
2 Ithunga
3 Uzipho
4 Amathe
5 Isele **(5)**

c) Betha koomofu uveze nje kancinci umahluko phakathi kweqhalo nesaci.
**(5)**

***[25]***

XHS212 & XHS212E– IsiXhosa Literature
Degree Examinations -June 2017

## ICANDELO B

**Umbuzo 3.1**

A 1. Ngo-April ka- ……. umfundisi uWilliams wavunyelwa ukuba angene kule ngingqi yakwaNgqika. (1)
2. Ngo- 1841 iphepha-ndaba lokuqala i- "…………" laphuma kwi-Lovedale Press. (1)
3. Ngomnyaka ka-1824 umfundisi u…… kunye no…… bazakhela imishini kunye nendawo yokushicilela. (2)
4. UNtsikana waseka esakhe isikolo e- ………… (1)

**(5)**

B) Phendula imibuzo **emine** kule ilandelayo:

1. Chaza ngokufutshane igalelo lika-WB Rubusana ekwandisweni koluncwadi lwesiXhosa. (5)
2. Balisa ngokusekwa kwephepha-ndaba elithi: Imvo Zabantsundu (5)
3. Ekuqaleni kwale nkulungwane, u-JT Jabavu uye wafunela unyana wakhe indawo yokufunda eDale College. Kwenzeka ntoni emveni koko? (5)
4. Chaza ngokufutshane igalelo lika-JH Soga ekwandisweni koluncwadi lwesiXhosa (5)
5. Inguquko kaNtsikana yasukela kumbono awaba nalo, awathi wazalwa ngokutsha. Balisa ngale nguquko kaNtsikana. (5) (20)

***[25]***

**OKANYE**

**Umbuzo 3.2**

Xoxa ngegalelo laba babhali balandelayo kuncwadi lwesiXhosa :

* K.S. Bongela
* P.T. Mtuze

Kwingxoxo yakho , chaphazela ezi ngongoma zilandelayo :

* Ukuzalwa nemfundo
* Iincwadi abazibhalileyo. Caphula kwiincwadi abazibhalileyo.

*[25]*

**XHS212 & XHS212E- IsiXhosa Literature**
**Degree Examinations -June 2017**

**Umbuzo 4.1**

A. Lungisa iziphene kulo mhlathi ungezantsi:

UTiyo Mlumbi wabuyela eSkotlani ukuya kulungiselela ubufundisi. Wenza isifundo se-Artsi kwiYunivesithi yaseGlasgow waza waqeqeshelwa ubugosa benkonzo yaseRoma. Ngo-1860 waba ngumfundisi wokuqala womAfrika ukugcotywa eBritani. Ngomnyaka olandelayo watshata nenkosazana egama linguJanet Bishop baza babuyela e-Botswana bobabini. (5)

B) Xoxa ngegalelo **lababhali ababini** kwaba balandelayo ekwandisweni koluncwadi lwesiXhosa:
U-SEK Mqhayi
u-S Magona
u-PT Mtuze (20)

*[25]*

**OKANYE**

**Umbuzo 4.2**

Qaqambisa igalelo likaGqobha ekuphoseni ilitye kwisivivane sokukhulisa uncwadi lwesiXhosa.

*[25]*

---